# Andingombala Ndingumntu 978 0199057849

## Iimpendulo ezilindelekileyo

### Imibuzo esuselwa kwizahluko

**Iindaba ezimnandi**

1. NguNtsiki. (1)
2. Wayehlala nomakhulu kunye nomama wakhe. Utata wakhe wasweleka esemncinane kakhulu. Uninakhulu kunye nonina badlala indima enkulu ezifundweni zakhe nasekumkhuthazeni ukuba aphumelele ebomini bakhe. (6)
3. Zindaba zokuba uNtsiki waphumelela ukhuphiswano lokuba aye kufunda eRhawutini yaye ezakufunda simahla. (2)
4. Ukhuphiswano lweMasifunde Schools Exchange Programme. (2)
5. Wayehlala nonina nomakhulu wakhe. (2)

**UNtsiki ungenwa yintaka**

1. Ukungenwa yintaka kukoyika into ethile /ukuziva ungomelelanga, umadolwanzima ngomba othile.
 - Umfundi makabonakalise ulwazi ngesi saci aze abalise ibali lakhe. (10)

**UNikita**

1. Kukuya kufunda eMpuma Koloni. (2)
2. Ngunina onguMelissa, uyise uMike, u-anti wakhe uLucia, utatomncinci wakhe uJack kunye nomzala wakhe uNick. (5)
3. Wayenxunguphaliswa kukuba intombi yakhe ishiya ikhaya isiya emaphandleni iyokuphila ubomi engabuqhelanga. (3)

**UNikita ushiya ikhaya**

1. NguBongani Faye. (2)
2. EMount Frere. (2)
3. EColana. (2)
4. Yayisina kakhulu imvula. (2)
5. Umqhubi wayefuna ukumbonisa ilali yakowabo, iSiqhingeni. (4)
6. Kulindeleke ukuba umfundi abalise ibali eloyikekayo awakhe waliva. Umfundi makaqiniseke ukuba ibali lakhe liyoyikeka yaye anika umdla kwabo ababaliselayo. (8)

**UNtsiki undanda ngenqwelomoya**

1. Yindlela esamphatha ngayo isisu xa isuka inqwelomoya. (3)
2. NguKhaphteni Shiya. (2)
3. Amagosa enqwelo-moya okanye ii-*air hostess* ngelasemzini. (2)
4. Ngu-Anita. (4)
5. Le nzwakazi yambuza ukuba lityeli lokuqala na kuNtsiki ukuphapha. Okwesibini yambuza ngohambo lwakhe. Lonke eli xesha wayethetha isiNgesi. U-Anita wamjongela phantsi kakhulu uNtsiki kuba engowasemaphandleni yaye ethetha isiNgesi ngendlela angayiqhelanga yena. Yamkruqula kakhulu u-Ntsiki le ngxoxo bagqibela sele bengathethi bade baya kufika eRhawutini. (6)
6. Uphakamile, unekratshi yaye akakwazi ukuhlonipha omnye umntu. (6)

**UNtsiki eRhawutini**

1. Umfundi uya kunyathela kwezi ngongoma zilandelayo:
-UNtsiki ufika kwisikhululo senqwelo-moya
-UNtsiki unxunguphele.
-Kufuniswa ngosapho lwakwaTom kwisikhululo senqwelo–moya saseRhawutini.
-UNtsiki wamkelwa lusapho lwakwaTom. (15)

**UNtsiki uhlangana nosapho lwakwaTom**

1.Kulindeleke ukuba umfundi anike uphawu akugqiba aluxhase.

**Umzekelo**: Bathobekile; Xa befika emva kwexesha bazithoba kakhulu kuNtsiki bexolisa
Banobuntu: Bamamkele ngezandla ezishushu uNtsiki de bamphathisa neempahla. (8)

2. Apha kulo mbuzo umfundi unika izimvo zakhe azixhase. (4)

**Ukwamkelwa kukaNikita**

1.Kulindeleke ukuba umfundi anike uphawu azekelise akugqiba axhase.

**Umzekelo**: Bafudumele: Xa efika wamkelwa ngezandla ezishushu de kuxhelwe.
Benza izinto ngobuntu: Xa kufika uNikita wamkelwa nangabanye abantu bokuhlala.
Neminye imizekelo. (6)
2. Apha umfundi kulindeleke ukuba anike ingcinga zakhe. Omnye uya kuthi uza kuhlala kakuhle, omnye athi akazi kuhlala kakuhle. Umfundi makaxhase impendulo yakhe. (6)

**UNikita nempilo yasezilalini**

1. Ikho: Ukwamkela imeko
Alungele ukufunda
Onwabe

(Nayiphi impendulo efanelekileyo)
Isigaba sesibini sombuzo: Umfundi kulindeleke ukuba anike olwakhe uluvo malunga ngaye. (8)
2. Kulindeleke ukuba umfundi akhethe impilo yasezilalini/edolophini atsho azixhase.(10)

**UNtsiki nempilo yaseRhawutini**

1. Kuye kwaqala kwanzima:
-Uzame ukuzifundisa izinto de wenzakalisa i-*laptop*
-Esi isenzo saphantse samqhweshisa egoli.
-Obu kuye yayibubomi obahluke geqe kobaseMount Frere
-Intlondi eklasini yakhe imenze wakhumbula emva.
-Ulwimi lube ngumqobo ekuzithetheleleni nasekuxeleni.
-Wayezifihla indlela avakalelwa ngayo nasekhaya. (8)

2. Umfundi ngamnye ubhala ngendlela aziva ngayo. (8)
3. Umfundi unika elakhe ibali lokuxhatshazwa aveze nezimvo zakhe ngokuxhatshazwa. (4)
4. Kulindeleke ukuba umfundi anike ezakhe izimvo malunga nokwamkela umntu osuka kwenye indawo. (6)

**UNtsiki esibhedlele**

1. Hayi ngokupheleleyo kuba nokuwa kwakhe zange akuxele de wabhaqwa.Wayengazivezi iimvakalelo zakhe, yiyo le nto athe xa encedwa nguMelissa akumhlamba wamngxolisa. Xa ebuzwa ingxaki wacela indlela. Nangona uMelissa ebonisa ubuzali loo mfobe wayikhabela kude ebona kuphela indlela egodukayo. (8)
2. Ziintloni zokungaqheli. Wayengafuni ukubonwa ngathi uyoyisakala. Wayesoyika nabantwana basesikolweni sakhe ukuba bangaphinde bamonzakalise. Wayengabathembi yaye engekabaqheli abazali bakhe abatsha. (4)
3. Umfundi makachaze ukuba siyavakala na okanye asivakali isizathu sikaNtsiki. (4)
4. Umfundi uya kuphendula axhase ngendlela avakalelwa ngayo. (6)

**UNikita uyaqwesha**

1.UNikita waziva engamkelekanga esikolweni, kwakunzima ukungena kakuhle kubomi basemakhaya. Abantu babembona njengomlungu, hayi umntu ofana nabo. Wayengakuthandi ukuya kutheza nokuya kukha amanzi emlanjeni. Wayefuna ixesha elaneleyo lokujongana neencwadi zakhe. (6)
2. Ngamakhwenkwana awayekhangela itakane. Aye azama ukumnqanda ukuba angaqhweshi, aze abaleka aya kuxela ekhaya. (6)
3. Impendulo ixhomekeke kwindlela aziva ngayo umfundi ngempilo yasezilalini. (8)

**UNikita ufumana umhlobo**

1.Yindlela yokunxibelelana naye kwaye wayengamqhelanga. (6)
2. Ewe, xa uziva wamkelekile endaweni uyakhululeka. Ngewayefumene nomntu wokumncedisa ekufundeni indawo. (8)
3. Umfundi apha unika iingcinga zakhe malunga nalo mba. (8)

**UNtsiki nekwayala yomculo**

1. Umfundi ngamnye kufuneka ajonge eyakhe italente abhale ngendlela anganceda ngayo eluntwini. Umfundi makabhale kuvokotheke. (20)

**Ungqondongqondo onguNikita**

1. Umfundi kufuneka ajonge indawo ahlala kuyo nezidingo zayo, abhale ngoncedo olunokuthi luziswe ukuphuhlisa ezo zinto. (20)

**UBonita noThandiwe**

1. Apha abafundi babhala gabalala ngezinto abazifundileyo kule noveli. Umfundi makajonge impilo yabalinganiswa abaphambili aze ajonge indlela abaziphethe ngayo ebalini, aze achaze ngezinto azifundileyo nezo angazithandanga. Umfundi makagqibelise ngokunika eli bali esakhe isihloko, aqiniseke ukuba isihloko eso siyahambelana nebali liphela. (30)

**Gqibezela izivakalisi**

1. **UNtsiki** wahlala nomakhulu kunye nomama wakhe kwilali yase**Colana**. (2)
2. Igama lika mama wakhe ngu**Phindi** elikamakhulu wakhe ngu**Masiwela.** (2)
3. Abazali bakaNikita ngu**Melissa** no**Mike.** (2)
4. Umama kaNikita ungu**gqirha**, utata wakhe yena uyi**njineli.** (2)
5. U**Ntsiki** uyawuthanda umculo. (2)
6. U**Nikita**, u**Ntsiki** no**Nonzwakazi** bagqibela bengabahlobo. (3)
7. U**Nick** ngumzala kaNikita.(1)
8. Igama lesikolo sikaNtsiki yi**Mfundo Junior Secondary School**, esikaNikita sona yi**St Louis College**. (1)
9. Inqununu yesikolo sikaNtsiki ngu**Titshala uMagazibe**. (1)
10. Abazali bakaNick ngu**Lucia noJack**. (1)

**Ngqamanisa oku kulandelayo**

| IKHOLAM A | IKHOLAM B |
|---|---|
| 1.Watshintshela kwisikolo esiseRhawutini.<br>2.Watshintshela kwisikolo esiseColana.<br>3.Ngumzala kaNikita.<br>4.Ngabazali bakaNikita.<br>5.Ngabazali bakaNick<br>6.Wayolanda uNikita Emthatha.<br>7.Ngumhlobo kaNikita noNtsiki.<br>8.Ngumama kaNtsiki.<br>9.Ngumakhulu kaNtsiki<br>10.Yidolophu yaseColana | 1.F<br>2.D<br>3.G<br>4.C<br>5.H<br>6.A<br>7.B<br>8.I<br>9.J<br>10.E |

(10)

**Khetha impendulo eyiyo kwezingezantsi**

1.Ntsiki.
2.Wayeyi*Civil Engineer*.
3.Nikita.
4.Ntsiki
5.Sampson (5)

## Imibuzo yezicatshulwa

1. UNikita wayengayithandi impilo yasezilalini waze wathabatha imithwalo yakhe waqhwesha. (4)
2. Uzama ukugqobhoza uNikita malunga nemisebenzi yamantombazana ezilalini Wolula isandla sobuhlobo kule nzwakazi. (4)
3. Wayenomsindo kuba wayeziva engamkelekanga yaye ebhaqiwe wabuyiselwa kwindawo ebecinga ukuba uqhawule kuyo. (2)
4. Waziva onwabile kancinci. Uzeka mzekweni mnye, wenza imisebenzi eyenziwa ngamanye amantombazana. Ude waqhekeka amasa etheza. (6)
5. Kukubhaqwa xa wayezimela. (6)

## Imibuzo emayelana nezixhobo zenoveli

1. Libali elide elinezahluko. (2)
2. Ngamanqwanqwa ethi isekwe kuyo inoveli: Isiqalo, isiqu, isiphelo njalo njalo. (2)
3. Ubazobe kakuhle esebenzisa:
(a)Ukubachaza ngqo.
(b)Ubaveza mayelana ngezinto abazenzayo.
(c)Ngezinto abazithetha ngabo abanye abalinganiswa. (4)

4. Lelona nqanaba liphezulu xa iziganeko zifikelela ebushushwini. Lufika xa ezi ntokazi zotshintshiselwano ziqhashumba kumakhaya abo amatsha, intlao ibenza babe nenkani okanye babe nomsindo owenza ukuba baxambulisane nabanye abalinganiswa. (6)
5. NguNikita noNtsiki. (2)
6. Ngabazali bakaNtsiki nabakaNikita, ootitshala esikolweni, uBongani Faye, amagosa esekhululweni senqwelomoya njalo njalo. (6).
7. UNtsiki noNikita bayaphumelela kwingxaki ababejongene nazo. Bazisa utshintsho olukhulu kwizikolo zabo, kumnandi kuyabhiyozwa.
Umfundi makayiphe esakhe isiphelo le noveli, aqiniseke ukuba sisiphelo esihambiselanayo nebali liphela. (10)
8. Umfundi usebenzise ulwimi olutyebileyo esebenzisa izaci kunye namaqhalo, izifaniso njalo njalo. (4)
9. NguNikita noNtsiki, kunye nabazali babo. (2)
10. Luthethwathethwano kumacala omabini. (4)